

# **God's Simple Plan of Salvation taken from I John**

## **Introduction**

I John 5:13 Ndinibhalele ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunaphakade, nokuze nikholwe kwigama loNyana kaThixo.

### **1. Sonke senze isono.**

I John 1:8 Ukuba sithi asinasono, siyazikhohlisa, inyaniso ayikho kuthi.

I John 5:16-17 Ukuba umntu uthe wambona umzalwana wakhe esona isono esingasingisi kufeni, wocela, uThixo amnike ubomi, enika abo bonayo ngokungasingisi kufeni. Kukho sona sisingisa ekufeni; anditsho ukuthi makacelele sona. Konke ukungalungisi sisono; kukho sono singasingisi khona ekufeni.

1 John 3:6 Bonke abahlala kuye aboni; bonke abonayo abambonanga, abamazanga nokumazi.



**Sonke senze isono.**

### **2. Ukufa ngonaphakade kuko esikufumanayo ngenxa yeezono zethu.**

I John 5:19 Siyazi ukuba singabakaThixo, nokuba ihlabathi liphela lilele kongendawo.

I John 5:12 Lowo unaye uNyana, unabu ubomi; lowo ungenaye uNyana kaThixo, akanabo ubomi.

1 John 3:15 Lowo umthiyileyo umzalwana wakhe usisibulala-mntu; niyazi ukuba akukho sibulala-mntu sinobomi bungunaphakade buhleliyo kuso.

### **3. UYesu wafa emqamlezweni, efela ityala lethu elisifaneleyo – elikukufa. AbaseKorinte besibini**

1 John 4:10 Uthando lulapha, ingekukuba samthandayo uThixo thina, ikukuba wasithandayo yena, wamthuma uNyana wakhe ukuba abe sisicamagushelo sezono zethu.




1 John 4:2-3 Mazini ngale nto uMoya kaThixo: umoya wonke omvumayo uYesu Kristu eze esenyameni, ungokaThixo; nomoya wonke ongavumayo uYesu Kristu eze esenyameni, asingokaThixo; lo ngokamchasi-Kristu, lowo niwuvileyo ukuba uyeza; nangoku uselukho ehlabathini.

I John 5:11 Bubo obu ke ubungqina: ukuba uThixo usinike ubomi obungunaphakade; baye obo bomi bukuye uNyana wakhe.

#### **4. Luyafumaneka ukuba uyamamkela uYesu Kristu njengomsindisi wakho.**

I John 5:14-15 Kuko oku ukungafihlisi esinako kuye: ukuba sithi sicele into ngokokuthanda kwakhe, uyasiva. Ukuba siyazi okokuba uyasiva esisukuba sikucela, siyazi



*Ewe lulula! Awusoze ufumane xolelo kuThixo. Awunakuhlawulela uxolelo kuThixo. Kuphela ungalifumana, ngokholo, ngenxa yenceba nemfesane kaThixo. Ukuba ufunu ukwamkela uYesu Kristu njengomsindisi ze ufumane uxolelo kuThixo, nanku umthandazo onokuwuthandaza. Ukwenza lomthandazo nokuba ngowuphi umthandazo soze ukuhlangule. Kuphela kukuthembela kuYesu Kristu okunokukunika uxolelo lwezono. Lomthandazo yindlela elula yokubonisa uThixo ukuba uthembele kuye kwaye uyambulela ngokukunika uxolo.*

**"Thixo ndiyayazi ukuba ndenze isono kuwe kwaye ndifanele kukohlwaywa. Kodwa UYesu Kristu wandithathela isohlwayo sam ngenxa yokholo lwam kuye. Ndibeka ithemba lam losindiso kuye. Ndiyabulela ngenceba yakho emangalisayo kunye noxolelo! Amen!"**